

ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG

UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOB
INQANABA ELIPHAKATHI
(Iphepha Lokuqala)

IXESHA : 2 iiyure

AMANQAKU: 75

IMIYALELO:

- Eli phepha linamacandelo amathathu u-A, B no C.
 - Phendula yonke imibuzo ngokupheleleyo ngesiXhosa esisulungekileyo.
 - Qwalasela amanqaku xa uphendulayo.
-

ICANDELO A

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo:

Ngenye injikalanga yangoMgqibelo kwathi ndisacambalele kamyodi phezu koqaaqaa ondindariswe kakuhle, ndihlaziya yintlengethwa yasemva kwemini kwafika umfana kaMpisekhaya sadl'amathol'eendaba. Kwathi ndisaphulaphule ezo ntshwaqane zakhe ndamva sel'esithi . "Umla wona ndandingawukhathalelanga nganto mna, meli. Ukuba indoda indicaphukisile ndandiqale ndiyiqhwabe ngempama ebusweni ukuze ijwaqeke ngumsindo. Kwakusithi isabibitheka njalo ndisuke ndiyidudle ngamanqindi. Kaloku mna ndandingeyonja edlala nemibundlwana. Kunjalonje ndandingakhathali nokuba indoda itsheva iindevu zayo ngekhuba likagandaganda kathathu ngemini; ukuba isile ndandiyibetha qha, ndiyiqushe noogxa bayo ngaphezulu."

Ndaman'ukubobotheka yintsini ndizam'ukuzibamba phofu ndisoyisakala ndisakumv'esitsho. Ndacinga umfo kaMayime. Ngentsasa yangoMvulo ndadlana indlebe naye malunga nala magwebelele eli yolisa.

"Akathembekanga tu loo Thembekile undixelela ngaye. Ngaloo maxesha ethu esikolweni, eFreemantle, mihla le sasilala kubuhlungu amathumbu kukuhleka ngenxa yoburharha bakhe," watsho apha kum umfo kaMayime emva kokuba ndimchazele le ngcombolo. Wayeligwala elinokuzifihla nasezilokhweni zabafazi.

Kambe ke, mfundi omhle, namhla uThembekile sewemka apha eMthatha. Watshintshelwa eTsomo ngezomsebenzi. Kanye kwezo ntsuku zokumka kwakhe, ngentsasazana ethile, ndakha ndambuzwa urheme ukuba kwakutheni na ukuze abe sesi silima sabumini.

Wandiphendula ngomdla omkhulu umfo omkhulu, waza wandihlebelala oku.

Ngonyaka ka-1972 kwakha kwehla isihelegu mayana phaya kwisithili saseLady Frere.

Kwakusweleke indoda ethile phaya kulaa lali yaseMachibini, ibulewe ngumhlaza.

Kwandululwa amadoda amathathu:

uVabemphikisa, uChithibhunga noLawulintaba ndawonye nengqutsela yenkwenkwe ekuthiwa nguMhlangabezi. Aba bafo ke babesiya edolophini kuKomani ngeenjongo zokuthenga ibhokisi yomngcwabo. Babekhwele iveni, amadoda la omathathu ekhwele apha ngaphambili yaza inkwenkwe yona yathi ngcu apha ngasemva kwindawo yokubeka impahla.

Okunene besakufika edolophini bayithenga ibhokisi leyo, babuya nayo beyilayishe apha ngasemva. Yayinjani ke ukuna imvula ngelo xesha! Yayidyabhaza. Iindlelana zeenkomo nezeebhokhwe zazingathi yimilambo enamagama ngerxa yezantyalantyalala zamanzi esikhukula, esihla engumdolomba.

Kambe ke ngelishwa iveni le yayingenasigqumathelo apha ngasemva; ngako oko ke uMhlangabezi wayesesichengeni saloo Nogumbe kaNwa. Ukuzikhusela kule meko unkabi wavula ibhokisi leyo, phofu engaqatshelwa mntu, wangena phakathi kuyo, akugqiba wavala ngesiciko sayo, walala.

Ezi nqeberhu zikule veni ke kwathi ziselapho kolo hambo luphindela eMachibini zathana nqwakaqha namadoda amathandathu emi ecaleni kwendlela, emanzi okwamants hontsho enkukhu etshone emphandeni. La madoda omathandathu abetha ngobhontsi, esenza umqondiso wokumisa le veni. Esakuwabona umqhubi wamisa. Acela ukukhwela, kwathi kanti amanye asinga kwaseMachibini, amanye aya eLinge. Esakuvunyelwa akhwela ke edomboza. Yathabathisa kwaseluhambeni iveni esakuba ezinzile ukuhlala ngasemva apha. Kwakungocolothi ke ngoku.

Loo madoda athi esakubona ibhokisi leyo acinga ukuba makube loo veni yayilande isidumbu somfi kumzi okhenkcisayo wabangcwabi edolophini.

Bancokola ke abafu abakhulu, incoko yabo ichaphazela ithamsanqa labo lokukhweliswa kuloo veni. Kwathi kusenjalo kanye yee qabu imvula, lazola izulu. Kusakuba nje ke ngoku ayitshintsha incoko yawo la madoda, ancokola ngemo yezulu ngokubanzi.

“Bafondini, incedile yenze isiqabu le mvula.”

“Uchan’ucwethe, Ndlangisa; kunjalo kanye.”

“Ndiyaqala ukunethwa yimvula kangaka, madoda.”

“Nam, ntangam.”

Kwathi ke xa ilapho le ncoko amadoda akhwankqiswa kukubona isiciko sebhokisi sivuleka, kwalandela ilizwi liphuma ebhokisini phakathi lisithi: “Ngxatsho ke! Eli zulu lide lazola ekugqibeleni?”

Hayi ke ukothuka kwaloo madoda! Kwaba ngudulubhentsu noqulukubhode, abo bafo beshiyana ngotyefezo ukutsibela phantsi, kwaziincwina nezingqala ukugadleleka kwabo. Ngaye wonke ke lo gama iveni yona iginya amaranani amakhulu isus’amaphepha. Izibilini zabo bahambi babekhwele ngasemva zazinyuke ngephanyazo zaza zaphants’ukuphuma ngomlomo! Ayebhonga amadoda Nas’isithunzela ebhokisini! Isithunzela!!!

Umqhubi weveni esakuva loo mikhulungo, imikhwazo nezimbonono wakhangelala apha kwisipili esibonisa ngasemva waza wabona umbono omasikizi kurone, amadoda elakatyula, ejakatyeka, wambi eziphosa nje phantsi engaqiqanga nokuqiqqa. Kusakuba njalo ke wamisa kwangoko umqhubi, waphuma neso sibini samadoda wayekhwele nawo ngaphambili. Bazichola-chola ezo ndwayinge zingxwelerheke ngohlobo oluxhomis’amehlo. Loo madoda omathandathu abalekiselwa kwisibhedlele ekuthiwa yiFrontier edolophini kuKomani evikiveke imilenze neengalo, wambi ehluntsuke izihlunu zamathanga nezeziquluba, eqhawuke nemisipha ethile. Ngethamsanqa phofu akuzange kubekho ngxwelerha iphulukana nobomi bayo.

Omnye waloo madoda asinda cebetshu ekufeni kuloo ngozi yaba nguThembekile lo, ngokutsho kwakhe.

(Ingwe emabalabala: L.S. Ngcangatha)

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBÉ INQANABA ELIPHAKATHI (Iphepha Lokuqala) 121-2/1 U	4
---	----------

- 1.1 Laliphi ikhaya likaThembekile lokuzalwa? (1)
- 1.2 Yintoni azincoma ngayo uThembekile apha kummelwane wakhe? (2)
- 1.3 Cacisa indlela achaza ngayo ukuba ubebetha njani na kwamanye amadoda. (2)
- 1.4 Ngubani igama lalo mfo wayefunda noThembekile? (1)
- 1.5 Babefunda phi? (1)
- 1.6 Wayesele esisiqhwala na ngexesha babesafunda? (1)
- 1.7 Lo wayefunda noThembekile uthini ngokuzincoma kwakhe uThembekile apha kumeli wakhe? (2)
- 1.8 Ibhokisi yomngcwabo yaya kuthengelwa bani? (2)
- 1.9 Ucinga ukuba aba bantu bakhwele iveni babengamagwala? Cacisa. (3)
- 1.10 Ukuba wakule meko ngowenzani? (1)
- 1.11 Yintoni eyenza ukuba inkwenkwe ingene phakathi kwebhokisi yomngcwabo? (1)
- 1.12 Chaza ukuba wonzakala kanjani na uThembekile ukuze abe sesi siqhwala asiso namhlanje. (2)
- 1.13 Athetha ukuthini la mabinzana:
- 1.13.1 Ukuthi rhiphu umbilini
- 1.13.2 Ndandingeyonja idlala nambundlwana
- 1.13.3 Edomboza
- 1.13.4 Kuzole nasebukhweni bezinja
- 1.13.5 Kwakungocolothi
- 1.13.6 Uchan'ucwethe (6)

AMANQAKU ECANDELO A: [25]

**ICANDELO B
UMBUZO 2**

ISISHWANKATHELO

2.1 Shwankathela esi sicutshulwa silandelayo ngamagama angama –40.

Iqudu elalisela emlanjeni lathi, lakubona ubuhle beempondo zalo, alalibala. Lahlala ixesha elide seligqibile ukusela, limana lizibuka, lizijikajika ngokomntu onamabhongo, ozibukayo espilini.

Lathi lisakhangele njalo, labona imilenze yalo. Lavakala lisithi, “Kwowu! Ngerdiba ndiyeyona nzwana elizweni, ukuba le milenze yam ibingenje ukuceketheka.”

Lahlala ke apho, limana lidumzela lisuke lithi, beliphiwe nje iimpondo ezintle kangaka, lisuke liphoxwe ngemilenze enje ukuba mibi kwayo.

Lathi kanti lilibele ngamabhongo kwanokudumzela nje, eli qudu lisengozini enkulu – lichwechwelewa yingonyama. Lathi ke kwangoko lakuyibona, latsiba umtsi omkhulu, labaleka lincedwa yibo milenze yalo.

Labaleka layishiya lee ingonyama. Kuloko lathi ngokungxama, kanti liya kuziphosa kwintshinyela yetyholo. Zathi ke kwangoko zabambeka etyholweni apho iimpondo zalo. Yaqala ke ngoku laa ngonyama, ibiseyishiye, yalizuzza ithuba layo, yakhawuleza yeza, yafika yalibulala iqudu elo.

Ingonyama yaxhelelw'eXhukwane isitya ixhoba layo. Yayimana ivungama yodwa kukunyokuka noxa kwakungekho nto iyiphazamisayo. Yayimana ukuzamla ingqengqa, ibhodla, iziqaqika kuqaqqa. Yayitya inyama yequde yada yayityekeza.

Yangcambaza kuhle ingonyama irhuqa intsalela yexhoba layo isingise emlanjeni ukuya kuthoba ngamarzi.

Yehla isenyuka neloo xhoba isoyika ukulishiya, kuba zazikho nezinye izilwanyane ezazivuzisa izinkcwe zibawela eli xhoba. Kaloku yayingumdezana eshiya amathole amane. Imibele le yasele ikrale inga iza kugqubhuka ngenxa yentlutha kumniniyo. Wahlangatyezwa ke lusatshana lwakhe umama ungonyama iluchulumanco lodwa indlala ingwetyiwe. Lwalala ze usapho lukangonyama.

Stewart Xhosa Readers Std IV, (Bennie, W.G.) Lovedale Press

AMANQAKU ECANDELO B: [10]

ICANDELO C
UMBUZO 3

3.1 Funda esi sicutshulwa wandule ukuphendula imibuzo.

Yizani kum ndinibalisele izinto ningazibuzanga. Ekukhuleni kwam ndandimhlophe ngebala, ndisolusa iigusha zikabawo namanye amakhwenkwe. Emini emaqanda sasidla ngokunqanda imfuyo siyise emlanjeni eThina iye kusela. Lo ke ngumlambo okufuphi kakhulu nekhaya lam. Ndandiwoyika amanzi. Xa abanye bequbha ndandidlala apha ecaleni komfula, ndandikhe ndirhuqwe ke ngabahlobo aba bam ndifakwe emanzini ngenkani. Ndigxubhuzele ndirhaxwa, kuhlekwa kuthi gquzu yintsini.

Umhlambi weegusha wawumkhulu. Maxa wambi wawudibana noweenkomo, amahashe neebhokhwe xa kuye kusezwa. Ingxolo elapho ke yenganyamezelekiyo, zinxakama ezi zilwanyana ezinye zicinga amatakane namathole azo akhethiweyo. Apha ngasemfuleni abafazi barhela ingcakazi ende bayenze izithungu, bafulele ngayo izindlu. Zininzi ke iinyoka kodwa abazoyiki.

- 3.1.1 Kwisivakalisi sesibini kukho isichazi u **ndandimhlophe**. Sebenzisa isiqu sesichazi esinomgca ngaphantsi kwesakho isivakalisi uphuhlise ukuba uyasazi. (1)
- 3.1.2 Kwakwesi sivakalisi sesibini kukho isenzi **ndisolusa**. Sebenzisa isiqu saso esinomgca ngaphantsi kwesakho isivakalisi siveze enye intsingiselo, engeyiyo le ilapha kwisicutshulwa. (1)
- 3.1.3 Kukho isalathisi esikulo mhlathi wokuqala, sikudidi lokuqala, Sonyule. Sisebenzise sibe kudidi lwesibini nolwesithathu kwezakho izivakalisi ezibini, kubonakale umahluko. (2)
- 3.1.4 Isigqibelo kwisibizo siyayijika intsingiselo njengesimaphambili. Kumhlathi wokugqibela sifumana isibizo **izithungu** esingcambu (isiqu) ikrwelelwe umgca ngaphantsi. Thabatha le ngcambu ufakele izimaphambili zamahlelo 1;4; nele 5 nezigqibelo u-i; -o; no –a.

Dwelisa impendulo yakho ngolu hlobo:

Amahlelo	Ingcambu	Izibizo
1		(1)
4		(1)
5		(1)

3.1.5 Sebenzisa ezi zibizo zitsha ozakhe phaya ku – 3.1.4 kwezakho izivakalisi ubonise ukuba uyazazi. Igama ngalinye malibe kwisivakalisi salo. Ziza kuba zithathu izivakalisi zakho.

Dwelisa impendulo yakho:

Igama	Isivakalisi
1.	
2.	
3.	

(3)

3.1.6 Yenza izinciphiso ezibini zemveli kunye nezibini ezijikiweyo (iziyeelelane) zamagama **indlu; inkomo** afumaneka kumhlathi wesibini. (2)

3.1.7 Sebenzisa ezi zinciphiso zijikiweyo (iziyeelelane) ziku 3.1.5 ukubonisa umahluko kuzo ngokwentsingiselo, kwezakho izivakalisi ezibini. (4)

3.1.8 Yenza izaci zibe zibini ngegama **inyoka** elifumaneka kumqolo wokugqibela esicatshulweni. (2)

3.1.9 Sebenzisa isaci ngasinye kwisivakalisi osenze ku3.1.8 ukubonisa ukuba uyayazi intsingiselo yaso. (2)

3.1.10 Igama u **ingcakazi** aliqhelekanga kumhlathi wokugqibela. Esi simamva sibonisa isandiso. Sisebenzise kwawakho amagama isimamva u – kazi abonise

- Ubukhomokazi (1)
- Ukuzalana nokwalamana (1)

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBÉ INQANABA ELIPHAKATHI (Iphepha Lokuqala) 121-2/1 U	8
---	----------

- 3.1.11 Wasebenzise kwizivakalisi zakho la magama uwanike ku 3.1.11 ubonise ukuba uyawazi. (2x2) (4)
- 3.1.12 Chonga isifanekisozwi esikumhlathi wokuqala. (2)
- 3.1.13 Sebenzisa esi sifanekisozwi esikumhlathi wokuqala kwesakho isivakalisi kucace ukuba uyasazi. (2)
- (30)**

UMBUZO 4

- 4.1 Lungisa iziphene
- 4.1.1 Banike incwajana ezilula bafunde.
- 4.1.2 Ixhaphakile iza kuba nkulu nonyakanje imvula indyebo.
- 4.1.3 Ndifikelele encopheni yentaba ngoku.
- 4.1.4 Usikele lekile othandazayo xa alalayo
- 4.1.5 Shosho uvile vila ndini! (5)
- 4.2 Fakela oonobumba abakhulu kunye nazo zonke ezinye iimpawu ezifanelekileyo apho zingafakwanga khona.
- zininzi izinto esinokuzithetha ngekapa eli nangoku baninzi nabantu abafuna ukuzigxama baqhankqalazele izinto ezikude kunabo mna ke ndithi andiyi apho ofuna mna makeze kum $\frac{1}{2} \times 10 =$ (5)

(10)

AMANQAKU ECANDELO C: [40]

AMANQAKU EWONKE: 75